higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA: FIRST ADDITIONAL LANGUAGE
(Iphepha lokuqala**)**
NQF LEVEL 3

(4101233)

02 November 2022 (X-paper)
09:00–11:30

Eli phepha lemibuzo linamaphepha a li 13.

026Q1N2202

Copyright reserved

IXESHA: 2 ½ HOURS
AMANQAKU: 150

IMIYALELO NEENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMAHLANU

ICANDELO A: Ukufunda nokunika iimbono	(40)
ICANDELO B: Ushwankathelo	(15)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
ICANDELO D: Isihobe	(45)
ICANDELO E: Uncwadi Lwemveli	(10)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Copyright reserved

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA A

UKUTYA

1 Eli gama liqhelekile kwaye akukho mntu ungalaziyo kuba sonke siphila kukutya. Ke mawethu masazi le nto yokuba uhlanga ngalunye lunohlobo lokutya olukuxabisileyo. Ukutya kwethu thina maXhosa ngumbona esithi siwenze umngqusho, isidudu, isonka, amarhewu, utywala kanti amaZulu wona athanda irayisi kakhulu. KwelaseNtla kusetyenziswa uphuthu, ipapa ezizigaqa eyenziwa ngomgubo wombona. Kwezinye iindawo yenziwa ngomgubo wamazimba. Ngenxa yokuba iindidi ngeendidi zokutya zininzi umbandela wokuphekwa nokuxutywa siya kuwushiya kubantu **abaziincutshe** kwelo cala. Thina siza kucwezela kude nendlu siye ehlathini apho siza kudibana neendidi zokutya komntwana womXhosa xa ezihlalele endle esolusa iinkomo.

2 Njengoko inkwenkwe yomXhosa ivuka kusasa iyokwalusa ibuye ngorhatya lwemivundla, ingaba ke iyifumana phi idinala? Iyifumana ngokusebenzisa ingqondo nobuchule obudibene nolwazi. Yakufika ehlathini iyazazi iziqhamo emayizitye kuba ukuba ikhe yatya ezingatyiwayo, yogula sisisu. Kothi kwakungena inkomo ehlathini uyibone nayo seyikhumathele kwintlokotshane, umbhongisa, umbhovu, umnqabaza, isiphingo, amaqunube, umqokolo, iingwenye, amakhiwane, njalo-njalo. Sowuya kubona ngokujika kwamazinyo, ulwimi nomlomo ukuba umnene uyigxothile indlala. Ukuphuma apho wombona urheme esomba amagontsi, umsibe, inongwe kunye neentsenge, ezo ziingcambu zemithi. Umalusi udla ngokuzifumana phantsi kwemithi kanti namagqabi emithi ayamfimfithwa.

3 Imifino iziindidi ngeendidi kwaye abantu bayo bayayazi. Ithi yakusiwa emakhaya iphekwe idityaniswe nomgubo wombona, okanye ityiwe ililaxa. Ithandwa kakhulu ngabasetyhini. Kudala kwakukade kusithiwa imifino kukutya kwabafazi kuphela kodwa namhlanje ndikhe ndiwabone amadoda eyitya. Ukuze uqonde ukuba iyathandwa ngabasetyhini, wofika xa beyitya bebaninzi umntu ehleli ngentsula enye, enabile esimelele ngengalo enye. Ukuyitya oku kulayishwa icephe lizale, ukuthi tshwa kwalo emlonyeni, **kulandela iindaba esezixutywe kade**. Kangangendlela abayithanda ngayo, abanye basuke baye ethafeni kanti umntu akaqinisekanga kakuhle nangalo mfino awufunayo, athi nje akubona into efana nawo agibisele engobozini kanti ngelinye ixesha ukhe umthi ongenguwo. Kwenye ilali kwaphambana abafazi abalishumi ababetye umfino ongenguwo. Kwanyanzeleka ukuba basiwe esibhedlele, ngethamsanqa akwabikho uswelekayo.

5 10 15 20 25 30

Copyright reserved

4 Zininzi iinyamakazi ezithandwa ngabazingeli umvundla, iqaqa, inkawu, udyakalashe, imbila, inyhwagi nezinye. AbeSuthu bona **bade** batye namahashe, ama-Ibho kwelaseNigeria adla nenja. Inkoliso yezi zilwanyana iyaphekwa kanti zikhona ezo zifukuthwayo, zityiwa zikrwada. Asingomakhwenkwe odwa adla izinto zasendle koko namadoda nabafazi bayazidla. Njengoko amaXhosa kudala ebengengobantu bakhathalele kulima mifuno, ebedla ngokuyivala le ndawo ngokusebenzisa imifino yasendle. Phofu nanamhlanje basekho abayithandayo nabayisebenzisayo. Ungafika umfazi eguqile emasimini okanye ehlathini echola chola irhwabe, urhalajane, inyibiba, imbikicane, ivatala, umsobo neminye imifino. Le mifino iziindidi ngeendidi kwaye abantu bayo bayayazi. Kungoko uye ubone ukuba kuxhelwe exhukwane xa iphekiwe.

5 Le nto ikukutya okumnandi ixhomekeke ekubeni nina niluhlanga luni na kwaye ngokwesithethe nitya ntoni na? Thina maXhosa, njengoko senditshilo, sitya umbona nenyama yenkomo, bhokhwe, gusha, hagu, nkukhu njalo-njalo. Ezinye iintlanga zitya izinto ezininzi ezohlukileyo kuthi. Omnye umfo wakha wahambela eMelika, enziwa ke amalungiselelo okumamkela umfo womXhosa phesheya kolwandle. Umfo wothuka wabanda ngaphakathi wanga angaxhuzula ukubona inkunzi yesele eqhotsiweyo ibekwe etafileni, iyeyona nto kujongwe ukuba uza kuyithanda kakhulu njengoko kudla ngokubanjalo xa umntu ephekelwe inkukhu. Wakha wazama ukuthi cwe empundwini yesele, hayi bo woyiswa. Badana noko abahlobo bakhe kuba bona babecinga ukuba bamenzele esona sidlo siphucukileyo. Lo mfo waziva ekhumbula apho asuka khona, ngakumbi xa ecinga ngezabelo zenyama. Abafana kwaXhosa eyabo inyama ngugeme enkomeni, amaxhego atya ubambo nenkamanzi, abafazi batya injeke, ulusu nezinye, ze abatshana babekelwe ilunda enkomeni.

[Sicatshulwe kwincwadi kaK.S.Bongela ethi: *Iphulo*. Iphepha 83 -85 saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi woku-1

1.1 Xela isizathu sokuba kuthiwe igama ukutya liqhelekile. (2)

1.2 Nika iimveliso zibe NTATHU eziveliswa ngumbona njengokutya kwamaXhosa. (3)

1.3 Hlengahlengisa le mizekelo yokutya ikhankanywe kulo mhlathi ngokwezizwe zazo ezixeliweyo ngaphandle kwamaXhosa. (2)

1.4 Nika isithethantonye segama “baziincutshe” elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-2

1.5 Chaza indlela inkwenkwe yomXhosa ezenzela ngayo idinala xa isolusa ehlathini? (2)

1.6 Xela isizathu esibangela ukuba inkwenkwe yomXhosa ikwazi ukwahlula kwiziqhamo ezityiwayo kunye nezo zingatyiwayo ehlathini. (2)

1.7 Nika iimpawu zibe NTATHU ezibonisa ukuba inkwenkwe iyigxothile indlala. (3)

Copyright reserved

Jonga kumhlathi wesi-3

1.8 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

1.9 Yinyani okanye luluvo ukuba umfino kukutya kwabasetyhini? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.10 Bhala isiganeko esixelwe kulo mhlathi esabangelwa bubungozi bokungabi nalwazi lugqibeleleyo lwamagqabi okwenza umfino. (3)

Jonga kumhlathi wesi-4

1.11 Yakha isaci/ iqhalo ngegama ‘iqaqa’ elisetyenziswe kulo mhlathi. (2)

1.12 Xela ingcinga ebethelelwa sisilabalabi u “bade” obhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

1.13 Caphula isaci esibonisa ukuba kuyonwatywa xa kuphekwe imifino. (2)

Jonga kumhlathi wesi-5

1.14 Ngqina ukuba ukutya okuthandwa lolunye uhlanga kungacekiswa lolunye. (2)

1.15 Uyibona njani wena into yokwabiwa kwenyama kwaXhosa ngokwabantu abahlukeneyo? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.16 Chaza imfundiso efumaneka kwesi sicatshulwa. (3)

1.17 Phawula ngesihloko sesi sicatshulwa. Ingaba siyahambelana nomxholo kusini na?

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 2: ISISHWANKATHELO

ISICATSHULWA B sithetha ngokutya okujike kwayityhefu kwiimpilo zethu. Shwankathela esi sicatshulwa uphawule ngendlela ukutya okuba yityhefu ngayo ezimpilweni zethu.

QAPHELA:

1. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma eziSIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
2. Bhala umhlathi ongenaziphene usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
3. Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

Ulwabiwo lwamanqaku: Iingongoma ezisixhenxe ezichanekileyo = 7
Ulwimi = 05
Imo = 3
Ewonke = 15

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ulandela imiyalelo engentla.

ISICATSHULWA B

	INGABA NDITYA ITYHEFU NDISITHI NGELAM KUKUTYA?
1	Ukutya esikutyayo kufana nqwa netyhefu esingathi ingumnyebelelana kuba kuyanambitheka kodwa kuyingozi kungambulala umntu. Ukutya esikutyayo kule mihla kwahlukile mpela koko bekusakutyiwa ngookhokho bethu. Ukutya okufunekayo emzimbeni koko kumdaka ngebala kanjalo kurhabaxa.
2	Eyokuqala ityhefu yileyo inambitheka kanobom esenza side simunce iintupha xa sisitya. Leyo kaloku yiswekile. Kule mihla abantu abakwazi kuhlala bengamungunyi zilekese, bengahlafuni zikeyiki nazibhisikiti. Isifo seswekile seside sangundaba-mlonyeni ngenxa yokugqugqisa kwaso sibulala omncinci kunye nomdala. Le swekile iyafunwa ngumzimba kuba ufumana amandla kuyo kodwa akufuneki idlule kwinqanaba elithile.
3	Eyesibini ityhefu yileyo kuye kufunwe ivakale nje kamnandi ekutyeni ukuze kubekho incasa, leyo yityiwa. Ityiwa kufuneka igalelwe ingadluli kwinqanaba elithile. Ityiwa eninzi emzimbeni ibangela isifo sentliziyo, isifo sokumpontshwa ngamandla kwegazi emithanjeni.
4	Eyesithathu yileyo inabantu abathile abade bothulelwe iminqwazi kangangohlobo abayityа ngayo. Leyo kaloku yinyama, ijeje okanye imheya. Inyama akufuneki ityiwe ngokugqithisileyo ingakumbi etyebileyo ingabangela isifo ekuthiwa xa siteketiswa yi “high high”. Inyama ebomvu yeyona ibonwa njengenobungozi xa ithelekiswa neyenkuku okanye intlanzi.

Copyright reserved

5	Eyesine ityhefu yile ithandwa kakhulu nebizwa ngokuba sisitatshi, sifumaneka ekutyeni okufana nombona, irayisi, isonka. Xa isitatshi siye satyiwa ngokugqithisileyo siyajikwa ngumzimba sibe ngamanqatha uze umzimba utyebe emva koko. Ukanti inqanaba leswekile liyonyuka emzimbeni ngenxa yokutya isitatshi.
6	Okunye ukutya okuyityhefu koko kuphekwa ngokugqithisileyo. Eyona njongo yokupheka ukutya kukwenza ukuba kuthambe kutyeke okanye kuginyeke lula kunye nokubulala iintsholongwane. Xa ukutya kubekwe eziko ixesha elide kuyafana nokukucolisisa kuba izakhi zendalo ziyaphuma.
7	Enye indlela yokujika ukutya kube yityhefu kukukuqhotsa epanini ngamafutha. Ukutya okuqhotsiweyo kuthwele amafutha amaninzi angafunekiyo nakwayingozi emzimbeni. Yonke imifuno imele ukuba ityiwe ikrwada kungenjalo ibiliswe nje ibe seyiphakwa kaloku yona seyithambe kakade.
8	Okunye ukutya okuyityhefu koko kuhleli isidala emkhenceni nasenkonkxeni kuba akufani nokutya okutsha. Ukutya okukwezi nkonkxa sekukudala kakhulu, ufika abantu bembola-mboleka zizisu behambisa nokuhambisa. Umzimba uyazifuna zonke iindidi zezondlo esithi sizifumane kwiintlobo ngeentlobo zokutya. Kubalulekile ukuba singasoloko sisitya uhlobo olunye lokutya okoko. Makuxatyiswe ukwenziwa kokutya emakhaya kungaxhonyekekwa ekutyeni ekuthengiswa ezivenkileni. Impilo entle ixhomekeke ekutyeni esikutyayo.

(Sithatyathwe kwincwadi yamavo kaYekela, M "*Amaxesha empucuko sisingise phi na*?" Iphepha 32 - 35 saza yahlelwa).

AMANQAKU ECANDELO B: 15

Funda le ntengiso ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1 **UKUHLALUTYA INTENGISO**



[Icatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com yaza yahlelwa]

3.1.1 Xela okuthengiswayo kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.1.2 Chonga isiyaleli kule ntengiso esiyalela ukuba umthengi enze intshukumo. (1)

3.1.3 Nika isizathu sokuba igama iDettol libhalwe ngefonti eyahlukileyo kwamanye amagama. (2)

3.1.4 Igama ‘sicocekile’ elilapha kwisibhengezo-ntengiso loluphi udidi lwesixando, kwaye siphuhlisa ntoni ngokwentengiso? (2)

3.1.5 Xela izinto zibe NTATHU ezingayinzuzo ngale mveliso. (3)

3.1.6 Xela ukuba ulwimi oluthi “ilingene ipokotho yakho” lulwimi olunjani. Khetha

A Ulwimi oluqweqwedisayo.
B Ulwimi olujij’ingqondo.
C Ulwimi olucengayo.
D Ulwimi olushwabulayo. (1)

Copyright reserved

3.1.7 Chonga isilogani sesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.1.8 Chonga isenzi kwesi sivakalisi singezantsi uze uxele ukuba sichaza ntoni ngokwentengiso le:

Fumana isanithayza yezandla yeDettol. (2)

3.1.9 Chaza ukuba uphawu olungumnqamlezo luyahambelana na nenzuzo ebhalwe kwisiqu sesi sibhengezo ntengiso. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.10 Nika injongo yokuba kusetyenziswe igama u “ngoku” kwisiqu sesibhengezo-ntengiso. (2)

3.1.11 Xela ubungakanani bemilinganiselo ibe MIBINI efumaneka ngayo le mveliso. (2)
[20]

3.2 **UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA**



[Icatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com yaza yahlelwa]

3.2.1 Xela ukuba *ukha* kwisakhelo soku-1 ubonisa ntoni? (2)

3.2.2 Ulwimi olungaphandle lukaSam kwisakhelo soku-1 lungumqondiso wantoni? (2)

3.2.3 Xela imvakalelo eboniswa sisikhuzo uYho! kwisakhelo sesi-2. (2)

3.2.4 Thelekisa inkangeleko kaSam kwisakhelo soku-1 nakwisakhelo sesi-3. (4)

3.2.5 Bhala isimelabizo soqobo endaweni yegama ‘iklatshi’, ze usisebenzise isimelabizo soqobo kwisivakalisi esiphuhlisa ingxam yekhathuni. (2)

3.2.6 Nika iimpawu zibe MBINI ezibonisa ukudinwa kwalowo utyhalayo. (2)

3.2.7 Xela eyona nto ichazwa njengeyingxaki kule nqwelo. (2)

3.2.8 Tyhila impoxo etyhilwa kule khathuni kwisakhelo sesi-5. (2)

3.2.9 Nika imfundiso oyizuzileyo ngale khathuni. (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C : 40

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 4

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuwo.

Tywala Ungumlahlekisi IV Mtamzeli

1	Nyikinyi nyam'enempethu,
2	Sabhongo sezimba nediliya,
3	Tyathang'elingqingqisholo,
4	Mbopheleli woluntu, khula lengqondo.
5	**Dyokhw'erhabaxa kaSathana, khaya lesiHogo,**
6	Yez'elintubululu'elatyalwa ngumntu,
7	Suka kwazal'izihange neenkedama,
8	Kwabusadusadu kwalawul'intiyo-
9	Tywala wen'ungumlahleksi.
10	Ngub'erhabaxa'eyambathwa zizibhoxi,
11	Zizihange, oontswela-thando namaxoki.
12	Nozala weengxwelerha namatshijolo;
13	Ndlel'enguhol'esing'esihogweni.
14	Uthob'unxan'ud'uthobe nembeko;
15	Uphepheth'iintloni nesimilo njalo.
16	Mfaz'onombizan'othandwa zonk'iindawo;
17	Ncumo luziisabile, ntsin'izizililo.
18	Xhego lakudal'elimabal'afedefede,
19	Elilahlekis'isizukulwan'esiphilayo-
20	Tywala wen'ungumlahlekisi.
21	Wen'ungqul'amakroti nezidenge;
22	Usezel'ubulumko nakub'ookumkani-
23	Babe ngamatshijolo balanyulwe ngamaphakathi,
24	Avel'amanyala notyhutyhumezo-mthetho,
25	**Sisith'uphakamis'ingqiniba kuphela.**
26	Buphel'ubuhle bomntu abe muncemunce,
27	Abe yekeyek'igaz'ange yena selafa,
28	Abe matshanda-tshand'ang'ubuy'edabini,
29	Abe msingizan'izithw'ange ngunopopi-
30	Tywala wen'ungumlahlekisi.

Copyright reserved

31	Cebo linye makudilizw'iibhari,
32	Mazityiw'iidiliya zivunelw'emilonyeni,
33	Kungxengxez'ophethey'awis'isigwebo,
34	Kulowo'ebonw'eminyaminy'ibhulanti;
35	Kungenjal'isizwe masimunc'iintupha,
36	Siseza kuphalal'isizwe sidad'esizibeni,
37	Sibe siyagwetywa ke njalo kuphele,
38	Izaz'esinazo ziphelel'emanyaleni-
39	Tywala wen'ungumlahlekisi.

4.1 Xela isakhiwo sangaphandle sesi sicatshulwa sombongo. (2)

4.2 Thelekisa umqolo wesi-2 nowesi-3. (2)

4.3 Xela imifanekiso-ngqondweni (iinyoba zemvakalelo) ibe MIBINI etyhilwa ngumqolo woku-1. (2)

4.4 Xela okuphuhliswa sisikweko esikumqolo wesi-2. (2)

4.5 Nika isizathu sokuba imbongi ithelekise utywala nokhula kumqolo wesi-4. (3)

4.6 Chaza intsingiselo yomqolo obhalwe ngqindilili kwisitanza soku-1. (2)

4.7 Xela injongo yophindaphindo lomqolo (impinda) kwisitanza ngasinye kwesi sicatshulwa sombongo. (2)

4.8 Khankanya izinto zibe NTATHU ethi imbongi zibangelwa butywala kwisitanza sesi-2. (3)

4.9 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-14 uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (3)

4.10 Chaza ubungozi botywala kulawulo obudizwa sisitanza sesi-3. (2)

4.11 Cacisa iindlela zibe NTATHU eyizoba ngayo imbongi inkangeleko yomntu olikhoboka lotywala kwisitanza sesi-3. (3)

4.12 Chaza okuphuhliswa sisihlonipho esibhalwe ngqindilili kwisitanza sesi-3. (2)

4.13 Xela isikrweqe sesandi esisetyenziswe ekuqaleni kwemiqolo yama-33 ukuya kweyama-35 (2)

4.14 Xela ifuthe lemfano zandi ekumqolo wama-36 kwesi sitanza. (2)

4.15 Ukuba wena ubunguPrezidenti ubuya kuwisa mthetho uthini ngotywala? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.16 Cacisa injongo yembongi ngalo mbongo. (2)

4.17 Chaza ukuba iqukumbela ngelithini imbongi kwesi sitanza sokugqibela. (2)

Copyright reserved

4.18 Nika imfundiso efumaneka kwesi sicatshulwa sombongo. (3)

4.19 Xela ukuba lo mbongo ungena phantsi kodidi lwesibongo (umbongo womthonyama) okanye phantsi kombongo wosiba. Xhasa impendulo yakho. (3)

[45]

AMANQAKU ECANDELO D: 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 5

ISICATSHULWA:

INTSOMI KANOMAZA NEGONGQONGQO Swana M.M.I nabanye

Kwathi ke kaloku ngantsomi,

Kwakukho amantombazana amabini uNomaza noNozihlwele. Minazana ithile bathunywa ukuba baye kurhela ingca phezu komlambo okufutshane nehlathi elishinyeneyo elalisaziwa ngokuba nezigebenga ezibalasele ngoburhalarhume. Bayalelwa ukuba ze bangahlali babuye sekusihlwa kuba le ndawo baya kuyo ikufutshane neli hlathi. Zalungisa umphako ezi ntombi kuba uhambo oluya kule ndawo lwaluza kuba lude. Bahamba nabanye balapho ekuhlaleni konwatyiwe kuhanjwa kuqhalwa umphako. Bahamba bahamba bada baya kufika. Barhela imini yonke bada bagqiba, bagoduka ilanga sele lisiya kunina.

Uthe uNomaza sele ephiphiphi wakhumbula ukuba ulibele irhengqe kanina ngemva kwaye wayeqononondisiwe ngunina ukuba angayilibali. Wacela abahlobo bakhe ukuba bamkhaphe aye kulanda irhengqe kanina kwaza akwabikho namnye ovumayo kuba besithi selitshona ilanga kwaye bebexelelwe ukuba bangahlali kude kube mnyama. Wafa namthanyana uNomaza waza wanyanzeleka ukuba ajike ukuya kukhangela le rhengqe. Kwakukude ngasemva kwaye kusele kuthande ukuba mnyama. Ukhangele wakhangela wade wancama waske weva ngento imthi xhakamfu. Kuthe kanti lelinye lamagongqongqo ale ndawo. Kuthe kanti belisaye kuzingela ngoku ke libuyile kuba kuhlwile. Limbuzile ngelo lizwi likhulu kwaye loyikekayo lisithi “Ubekwa yintoni kulo mhlaba?” Uphendule uNomaza engcangcazelisa ilizwi, “Be-be-besize kurhela ingca ndaza ndalibala irhengqe kamama” “Owu! nina nirhela ingca emhlabeni wam. Inene ndiza kunibonisa amaqhekeza engqele”, latsho lamfaka engxoweni linomsindo.

Wakhala ekhabalaza ecela uxolo akwanceda nto waza walithembisa ngokuliculela. Laphendula ngelizwi elikhulu lathi makacule. Uvume wenjenje uNomaza;

Ndandiye kurhela ingca kaNozihlwele
Ndaza ndalibala irhengqe kamama
Kwelo hlathi lishinyeneyo
Ndizicelile iitshomi zindikhaphe
Akwabikho namnye ovumayo

Lawuthanda lo mculo eli gongqongqo lamana libetha apha engxoweni lisithi makaphinde acule. Wenjenjalo uNomaza ngaphandle kwamathandabuzo kuba wayesekeleze ukukhululwa kule ntlungu. Lahamba lahamba igongqongqo noNomaza limthe tyu-u-u-u egxeni limana libetha kule ngxowa limxelela ukuba makacule. Lihambe lahamba ladibana nesiqhu samakhwenkwe sisoja umbona, lacela lithembisa ngokuwakhalisela uhadi ukuba anokulipha umbona. Avumile amakhwenkwe kuba nawo ebenomdla kulo mculo aza kuwumamela. Labetha engxoweni yalo lwakhala uhadi. Lafika kwindawo yentselo lenza ngokwesiqhelo libetha engxoweni ukuze uNomaza acule. Athe amadoda akuva ukuba lilizwi likaNomaza elo acinga icebo lokumsindisa kweli gongqongqo. Athuma igongqongqo amanzi emlanjeni ngebhekile evuzayo, lishiye ingxowa leyo. Lenza njalo aze amkhupha uNomaza afaka zonke izinto ezilumayo. Lifike latya inyama lathatha ingxowa yalo lagoduka. Lafika layalela ukuba kubaswe umlilo. Lithe lakuvula ingxowa yalo kwaphuma zinyosi, oonomeva oonomadukudwane latyiwa kwanzima nokubona umnyango wokuphuma lafela apho. Phelaphela ngantsomi.	30 35 40 45

5.1 Nika iimpawu zibe MBINI ezibonisa ukuba yintsomi le. (2)

5.2 Hlalutya le ntsomi phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

5.2.1 Umyalelo (1)

5.2.2 Ukutyeshelwa komyalelo (1)

5.2.3 Ungcungcutheko (2)

5.2.4 Usindiso (2)

5.3 Xela umsebenzi wengoma entsomini. (1)

5.4 Nika imfundiso yale ntsomi. (1)

AMANQAKU ECANDELO E: 10
AMANQAKU EWONKE: 150

Copyright reserved